Indlela Yokwenza Intsapho Yakho Yonwabe

(Inxalenye 1)

Isekelwe kwisahluko 14 sencwadi ethi *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.



YIYIPHI INDLELA ONOKONWABA NGAYO EMTSHATWENI?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Banokuthini abanye abantu?

Yintoni oyikholelwayo *wena?*

Kutheni uyikholelwa loo nto?

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

2 HLOLA OKO KUFUNDISWA YIBHAYIBHILE

Ukukhokelwa nguThixo yeyona ndlela iphambili esinokonwaba ngayo emtshatweni.
(Funda isahluko 14 sencwadi ethi *Okufundiswa YiBhayibhile*, isiqendu 1-4.)

Funda uLuka 11:28.
Ngokutsho kukaYesu, yintoni ekufuneka siyenze ukuze sonwabe?

_____

_____

_____

Funda iGenesis 2:18, 21-24.
Sazi njani ukuba umtshato ekonwatyiweyo kuwo sisipho esivela kuThixo?

_____

_____

_____



Imiyalelo esuka kumenzi wefenitsha ethile ibonisa indlela echanileyo yokuyidibanisa. Ngendlela efanayo, iBhayibhile, esuka kuMsunguli welungiselelo lentsapho, isixelela indlela yokwakha umtshato ekonwatyiweyo kuwo

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

Izibini ezitshatileyo ziyafunda kumzekelo eziwubekelwe nguYesu.

(Funda isahluko 14 sencwadi ethi *Okufundiswa YiBhayibhile*, isiqendu 5-13.)

Funda amaEfese 5:23, 25, 28, 29.

Nangona engazange atshate, yiyiphi indlela uYesu abamisela ngayo umzekelo omhle abayeni?

Funda eyoku-1 kwabaseKorinte 11:3 namaEfese 5:33b.

Ekuthobeleni ubuntloko bukaThixo, nguwuphi umzekelo omhle uYesu awawubekela abafazi?
(Funda neyoku-1 kuPetros 3:1-4.)

Kutheni ukholelw' ekubeni uThixo unikela ukhokelo olusemagqabini kwizibini ezitshatileyo?

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

3 CACISA IINKOLELO ZAKHO

UKUBA UMNTU UTHI…

IBhayibhile indala kakhulu ukuba inganceda iintsapho namhlanje.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Abantu abaninzi bangavumelana nawe. Kodwa mna ndikholelwa ngendlela eyahlukileyo kuba…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

UKUBA UMNTU UTHI…

Imfundiso yeBhayibhile ngobuntloko yenza bajongelwe phantsi abafazi.

UNOKUPHENDULA UTHI…

Abanye abantu bacinga njalo. Kodwa imiyalelo yeBhayibhile eya kumadoda nabafazi yenza baphathwe ngesidima abafazi. Ngokomzekelo…

_____

_____

Yiyiphi ivesi onokumphendula ngayo?

_____

Ucinga ngendlela abona ngayo lo mntu, ungayihlalutya njani le vesi?

_____

www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania